# VAKALISA ULUVO LWAKHO

**Isimemo sokungeniswa kweziphakamiso luLuntu**

**UMthetho oYilwayo weMpilo yeZityalo (uCoceko lweZityalo) [B14B-2021] iCandelo-76**

IKomiti eKhethekileyo yoBuyekezo lweMihlaba, iNdalo, neMithombo yeziMbiwa naMandla imema abantu abanomdla kunye nabachaphazelekayo ukuba bangenise izimvo ezibhaliweyo ngoMthetho oYilwayo weMpilo yeZityalo (uCoceko lweZityalo) [B14B-2021] iCandelo-76.

UMthetho oYilwayo ufuna ukubonelela ngamanyathelo ococeko lwezityalo ukuze kuthintelwe ukungeniswa, ukusekwa kunye nokusasazwa kwezitshabalalisi ezilawulwayo kwiRiphabliki; ukubonelela ngolawulo lwezitshabalalisi ezilawulwayo; ukubonelela ngolawulo lokuhamba kwezityalo, iimveliso zezityalo kunye namanye amanqaku alawulwayo ukuba angene, ngaphakathi nangaphandle kweRiphabliki; kunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.

Imibuzo, ngokunjalo neziphakamiso ezibhaliweyo, kufuneka zithunyelwe kuMnu Asgar A Bawa, kwiKomiti eKhethekileyo yoBuyekezo lweMihlaba, iNdalo, neMithombo yeziMbiwa naMandla kule dilesi ye-imeyile planthealthbill@parliament.gov.za

Umhla wokugqibela wokungeniswa kweziphakamiso nguMvulo, 22 kuTshazimpunzi 2024.

Iikopi zoMhetho oYilwayo zingafumaneka kuMnu A A Bawa kule nombolo yeSelula-083 709 8530 okanye utyelele iwebhusayithi yePalamente: www.parliament.gov.za.

**Sikhutshwe nguNkzs TC Modise, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti eKhethekileyo yoBuyekezo lweMihlaba, iNdalo, neMithombo yeziMbiwa naMandla**